*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Umanyanyo ngamandla: Ibali lika-Albertina Sisulu*
Illustrated by Alice Toich
Written by Liesl Jobson
Designed by Nazli Jacobs
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 30 August 2014.

ISBN: 978-1-928377-04-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Ngobunye ubusika obabuqhaqhazelisa amazinyo, abantu abaninzi apha kweli lizwe babegula. Izidlele zikaMama uMonikazi zazitshisa bhe. Umzimba wakhe umanzi xo kukubila. Wayefuna ukuthatha loo ngca yombathiswe yiqabaka, ayibeke ebusweni bakhe ukuze aziphozise ngayo. Phantsi kwengubo yakhe wayebambe isisu sakhe, eculela olo sana lungaphakathi kuye, "Yomelela, sana lwam. Ubusika buyedlula. Yomelela sana lwam. Umanyano ngamandla!"

Isisu sakhe sasingxola, sixuxuzela xa usana lukhaba ngamandla, lumothusa ebuthongweni ebusuku. Watya umbeko wenyama ebisele embizeni, elambele ubomi.

Ngobunye ubusuku obuqaqambileyo inyanga yayinkudlwana, ityebile kwaye ibupinkirha nangaphezu kwezinye iintsuku ethi ikhanyise ngazo. Wayekhefuzela kanobomi uMonikazi. Usana lwalulungele ukuzalwa.

Oo-anti ababekwigumbi lokubelekisa babemphulula emqolo, bemfudumezela namanzi. Lwathi lusakubekwa ezandleni zakhe olu sana luhle luyintombaza, wazi mhlophe nje ukuba le yintombazana ekhethekileyo, iqhawekazi lokwenene. Engako yona intsikelelo! Wamthiya igama lokuba nguNontsikelelo. Lo wayeza kuba ngunozala wazo zonke iintsikelelo.

together-were-strong_interior_20140922.indd 6 2017/10/13 4:36 PM

UNontsikelelo wayemhle, omelele etsho ngaloo mehlo amnyama angathi ngamaqhosha. Wayemthanda kakhulu umntakwabo, uMcengi. Wayehlekisa kakhulu, ze ke loo ntsini yanaba okomlilo wodobo. Wayeyithanda kakhulu inyama nkqu naphambi kokuba antshule amazinyo. Omnye woomakazi bakhe wayesoloko ebekela uNtsiki iqathana lenyama epleyitini yakhe. UMcengi wayesukela iinkukhu ezaziqhwaya izityalo esitiyeni, apho uMama uMonikazi wayelime isipinatshi kunye noosenza ukuze ondle usapho lwakhe. UNtsiki wayebaleka apha emva kwakhe njengokuba imilenze yakhe iye isomelela.

UMama uMonikazi wayenomnye umntwana oyinkwenkwe, ogama linguVelaphi, kwakunye nomnye, onguQudalele. Ekugibeleni, kwafika intombi eyabangudadoboNtsiki omncinane, uNomyaleko. UNtsiki owayeselula wayesonga amalweyile ahlambe neempahla zosana. Wayetshayela indlu akhwezele nomlilo ukuze ungacimi. Wayefunqula umntakwabo omncinane xa elila, amnyumbaze de ahleke.

UNtsiki wafundisa abantakwabo kunye noodadewabo ukucula, “Yomelela, sana lwam. Ubusika budlulile. Yomelela sana lwam. Umanyano ngamandla!”



together-were-strong_interior_20140922.indd 8 2017/10/13 4:36 PM

UQingqiwe, utatomkhulu wakhe, wayefuye amahashe. Elona hashe awayelithanda yayinguShishi, imazi emnyama tshu neyayimenyezela. Wathi asakubamdala ngokwaneleyo uNtsiki, wamkhwelisa ehashini, wambeka esalini apha phambi kwakhe. Iingalo zakhe ezomeleleyo zamthi khunkqu. Wafaka imikhala apha phakathi kweminwe yakhe.

Wamfundisa ukusebezela uShishi kunye nokumosula ngebrashi elukhuni ekuthiwa yiroskama. Xa uNtsiki ephulula olo fele lukaShishi lumenyezelayo, wayemsebezela athi, “Usesona silwanyana sihle emhlabeni. Enkosi ngokundivumela ukuba ndihlale kuwe emqolo.”

Xa utata wakhe, uBonilizwe, ebuyela ekhaya, evela emsebenzini emgodini ngeKrismesi, uNtsiki wayekhwela kuloo mqolo ubanzi kaShishi. Wayemphalisa ukuya kuhlangabeza utata wakhe esitophini seebhasi. UNtsiki wayehlala athi nkqo kuloo mqolo wehashe. Iinyawo zakhe ezomeleleyo zigweqe isisu sikaShishi. Imikhala wayeyibamba ngobunono ngeminwe yakhe.

Abenjani ke ukuzingca uBonilizwe xa ebona intombi yakhe injalo. Ubuso bukatata wakhe babuzaliswe luncumo olubanzi angazange walubona uNtsiki ngaphambili.



together-were-strong_interior_20140922.indd 10 2017/10/13 4:36 PM

Xa wayeneminyaka emithandathu uNtsiki waqalisa ukuya esikolweni. “Kufuneka ukhethe igama lesiNgesi,” watsho utitshala, kodwa uNtsiki wayelithanda igama lakhe.

“Kutheni kufuneka ndibe negama elitsha nje?” wabuza.

Utitshala wasuka wamjamela waze wafunda amagama ngokuvakalayo: “Adah, Agnes, Albertina, Anna.”

Ingaba athetha ukuthini? UNtsiki walithanda eli lide kakhulu. Al-ber-ti-na! Elo gama lalinesingqisho.

Al-ber-ti-na! Elo gama lalivakala linondiliseko. U-Albertina yayiligama ongenakugezela kulo.



together-were-strong_interior_20140922.indd 12 2017/10/13 4:36 PM

Umama ka-Albertina wayephethwe kakubi yimpilo, ngoko ke kwakufuneka u-Albertina ejonge ikhaya lakhe. Kunyaka wakhe wokugqibela kwisikolo samabanga aphantsi, u-Albertina wayengoyena mntwana mdala esikolweni sakhe. Ngoko ke wakhethelwa ukuba abe yinkokheli yamantombazana kwaye ke wayinxiba ngeqhayiya ibheji yakhe yeso sikhundla. Umhlobo wakhe osenyongweni, uBetty, wambalisela ngokhuphiswano, esithi, “Kufuneka ulungenele olu khuphiswano, mhlobo wam okrelekrele.”

“Liyintoni ibhaso lalo?” wabuza u-Albertina, efuna ukwazi nangaphezulu.

“Yimali yokufunda kwisikolo samabanga aphakamileyo!” kwatsho uBetty. “Kufuneka ulungenele. Uza kuluphumelela, ngokuqinisekileyo.”

U-Albertina wayefunda lide liphele tu ikhandlela. Wayeziqhelanisa nokubala izibalo. Wayezilungiselela nopelo. Wazilola iipensile zakhe waze wamenyezelisa nezihlangu zakhe zade zabangathi sisipili. Ngentsasa yokhuphiswano, wadlula esitalini sikaShishi.

Eli hashe lakhwina ze langqisha phantsi.

Uvavanyo lwaqalisa. Iminwe ka-Albertina yayingcangcazela. Izibalo zazinzinyana zifuna ukubalwa ngobuchule. Womelwa ngamathe emlonyeni. Isandla sakhe sanenkantsi kukubamba ipensile kodwa waqhubeka naxa kunjalo. “Wenze kakuhle kakhulu, Albertina!” watsho utitshala wakhe ekugqibeleni. Ethubeni kwafika igosa elibalulekileyo laze labiza abafundi ababini abaphumelele emagqabini ukuba bakhwele eqongeni. “Siyavuyisana no-Albertina ngokufumana onke amanqaku,” latsho, “kodwa mdala kakhulu ukuba ungaphumelela olu gqatso. Imali yokufunda iya ku …”

U-Albertina wazibamba kangangoko ukuze angalili. “Ayibobulungisa konke obu,” kwakhwaza uBetty, exhuma-xhuma ngumsindo. “Loo nto ibingekho kwimithetho yokhuphiswano!”

Ngoku uza kuya njani u-Albertina kwisikolo samabanga aphakamileyo? Wazirhuqa iinyawo zakhe yonke loo ndlela igodukayo. Utitshala ka-Albertina wabhalela iphephandaba malunga nesigqibo esingenabulungisa nesinomkhethe esithatyathiweyo. UMzalwana uJoe kwimishini yamaKatolike walifunda elo bali esitya isidlo sake sakusasa. Waliqhumza ngamandla iqanda lakhe elibilisiweyo ngokwethuka. Iphephandaba walityhalela kuMfundisi uBernard owayehleli kwelinye icala letafile. Naye zange alithande konke-konke elo bali.

together-were-strong_interior_20140922.indd 16 2017/10/13 4:36 PM

Kungekudala yavela imali yokufunda ku-Albertina!

IMariazell ekufutshane neMatatiele yayikude kakhulu ukusuka eXolobe, kodwa yonke ilali yayivuya kakhulu. Intombi yabo yayisimka, isiya kwisikolo samabanga aphakamileyo. Wayeza kubenza bazingce ngokwenene ngaye. Benza itheko elikhulu kakhulu. Abafazi basila umqombothi babasa nemililo. Baxhela iinkukhu, bazamisa ezo mbiza zinenyama. Uncumo lukablankethe ku-Albertina lwade lwamqaqambisela ubuso.

Wapakisha ityesi yakhe ebrawuni waze wapolisha nezihlangu zakhe kwakhona. Phambi kokuba akhwele ibhasi eya eMatatiele, wabulisa, evalelisa kuShishi, esithi makasale kakuhle. U-Albertina waphulula eso sikhumba kunye neso singci sakhe. Walisebezela endlebeni yonke imibuzo awayenayo, “Ndiza kuthini ukuba ndikhe ndalahleka? Ingaba ndiza kuba nabahlobo abatsha phaya? Ingaba ndisaya kuhlala ndikrelekrele nokuba ndikude kangaka nekhaya?” UShishi wakhwina nje waze wangqisha ngonyawo phantsi.



Isikolo sasingena ngaphambi kokuba lithi chapha kwa-ilanga eli. Amantombazana ayehlamba kamsinyane ngaloo manzi abanda ceke aze atshayele amagumbi ahlala nalala kuwo phambi komthandazo. Isidudu esiwayiwayi lubisi sasingahluthisi tu, ze sona isityu singanambitheki njengesenziwe nguMakazi emva ekhaya. Kodwa kunjalo u-Albertina wafunda ngokuzimisela. Wayedlala ibhola yomnyazi xa kushushu, emva kwemini. Ngeeholide zesikolo u-Albertina wayesebenza emishini. Wayexikixa ahlambe iimpahla kwibhodi yokuxikixela yecangci. Wayebilisa amashiti kwiinkonkxa zekopolo, aze awakhame kwisikhami. Wayehlakula, elima isitiya sesikolo. Kodwa u-Albertina wayelukhumbula kakhulu usapho lwakowabo. Ngubani ngoku owayebalisela abantakwabo noodadewabo amabali ahlekisayo? Ngubani owayebosula iinyembezi xa belila? Ngubani owayebanyumbaza bade bahleke?

U-Albertina wayebathanda oonongendi ababemfundisa. Ingaba wayeza kuba ngunongendi naye, udade ongcwele? “Kodwa oonongendi abamkeli mivuzo nje,” watsho uMfundisi Bernard. “Mhlawumbi kufuneka ube ngumongikazi? Uza kuhlawulwa lo gama ufunda.”



together-were-strong_interior_20140922.indd 20 2017/10/13 4:36 PM

U-Albertina wakhwela ololiwe waya eRhawutini. Wathenga iyunifom entle emhlophe, izihlangu ezitsha ezinevi kunye nosiba lokubhala olubomvu olubengezelayo. Abantu abagulayo babesiza esibhedlele imini yonke. U-Albertina wayecoca amanxeba abo ngeminwe ecoselelayo. Wayebabamba ngobunono nobubele abantu abadala. Xa iintsana zilila, wayeziculela, “Yomelela, sana lwam. Ubusika buyedlula. Yomelela, sana lwam.  Umanyano ngamandla!”

Ngamanye amaxesha u-Albertina wayesebenza ubusuku bonke kude kube sekuseni. Wayekroba efestileni aze acinge ngosapho lwakowabo. Ingaba abantwana abalambanga? Ingaba bayile esikolweni? Ngubani okhwela uShishi ngoku? Wayekhumbula isipinatshi esiluhlaza yaka. Wayelikhumbula ivumba lomhlaba. Kwakungekho sitiya samifuno apha. Kwakungekho ndawo yamahashe apha.

U-Albertina wayengawahambi amatheko. Wayeyonga yonke imali yakhe. Ngeetsuku zakhe zekhefu, wayefunda ukudlala intenetya. Whushi! Gqam! Wayebetha loo bhola igqobhozele ngapaya komnatha. Ngalo lonke ixesha, wayesoloko elangazelela ukuthumela imali ethe xhaxhe ekhaya.



together-were-strong_interior_20140922.indd 22 2017/10/13 4:36 PM

UWalter Sisulu wayeyindoda eligorha nekrelekrele eyayiphupha ngenkululeko yoMzantsi Afrika. Uncumo lwakhe lwawuba umxhelo ka-Albertina. Babehamba kunye kwezo zitalato zesixeko. Izandla zika-Albertina ezithambileyo zibambelele engalweni kaWalter. UWalter wayefuna u-Albertina abe ngumama wabantwana bakhe.
Iiribhoni ezinemibala eqaqambileyo zazihombise iziko, iBantu Men's Social Centre ngomhla womtshato wabo. Ilokhwe ka-Albertina enemikhono emide yayinomtshoba weleyisi owawushukuma bujikeleza. Abahlobo babo abaninzi bayisikelela ngobukho babo loo mini ikhethekileyo yezi zithandani.

U-Albertina watyala iintyatyambo esitiyeni sakhe esincinane. Kwisithuba esingangonyaka, kwazalwa uMax. U-Albertina waba ngumama. Kanti ngenye imini, abantu babeza kuthi ungumama wesizwe. UMax wayenaloo mehlo amnyama angathi ngamaqhosha kanina nesilevu esingqukuva sikayise. Wayelithemba eliqaqambileyo kwikamva labo. U-Albertina wayefuna ukulwela uMzantsi Afrika omtsha ukuze uMax abe ngokhululekileyo.
Xa elila, wayecula athi, "Yomelela, sana lwam. Ubusika buyedlula. Yomelela sana lwam. Umanyano ngamandla!"



together-were-strong_interior_20140922.indd 24 2017/10/13 4:36 PM

Amapolisa ayefika ezinzulwini zobusuku, akhabe iminyango. U-Albertina wayewangxolisa loo madoda ngokugubhulula ngokungakhathali endlwini yakhe.

“Nikrwada kakhulu,” watsho, “ningena nodaka ekhayeni lam nize nigqibe indlu yonke ngolo daka!”

Ngentsasa elandelayo iintyatyambo zika-Albertina zibulewe zezo zihlangu zamapolisa. Wakhumbula xa esukela iinkukhu ezigxotha esitiyeni sakhe semifuno eXolobe, aze ke aqalise ukuphinda alime ezinye iintyatyambo esitiyeni sakhe. Wayesazi ukuba umhlaba uza kuphinda ulunge.

Wamxhasa umyeni wakhe owayegcine iimfihlo ezininzi kwaye ezimela nasemapoliseni.



U-Albertina wazimanya nabanye abafazi waze wasebenza ngokuzimisela ekulungiseleleni umngcelele owawusiya ePitoli. Aba bafazi babesala ukuphatha amapasi. Babecula besithi, “Wathint’ abafazi; wathint’ imbokodo! Ukuba ukhe wachukumisa umfazi, uziqhwayele inkathazo!”

Uthe ke uWalter wabanjwa kwaza kwalandela iminyaka emininzi yentsokolo. Wavalelwa entolongweni kwisiqithi sikaRobben iminyaka engamashumi amabini anesithandathu. Kananjalo no-Albertina wayebanjwa, avalelwe entolongweni amaxesha amaninzi. Amaxesha amaninzi wayesoyika. Amaxesha amaninzi wayelilolo, enesithukuthezi.

Kodwa nangobona busuku bumnyama, wayebona ukukhanya okuluzizi kwenyanga ngefestile yesisele sakhe entolongweni. Wayecula laa ngoma yayiculwa nguMama uMonikazi phambi kokuzalwa kwakhe. “Yomelela, sana lwam. Ubusika buyedlula. Yomelela sana lwam. Umanyano ngamandla!”



